UKUTYALA IMALI YERENTE

KUNGENZEKA NTONI XA USEMVA EKUBHATALENI IRENTE?

NDIFUNA UKWAZI
DARE TO KNOW

Khumbula, isivumelwano sokunxusa singabhalwa okanye sivunywe ngomlomo

Umnxusi unegunya ngomthetho lokubhatala irente ngokwe sivumelwano sokuqeshisa lulwaphulo mthetho. Xa umnxusi engabhatali umastandi unegunya lofuna imali yale uyityalayo arhoxise nesivumelwano sokuqeshisa.

Ukufuna imali oyityalayo, umastandi kufuneka:

1. Akuxelele uyatyala (usemva kwirente)
2. Axuxelele utyala malini
3. Akunike usuku apho umnxusi kufuneka ebhatale ngayo kwaye akulumnkise ukuba umastandi angakubambisa okanye arhoxise isivumelwano sokunxasa ukuba awukwazanga ukubhatala ngolwasuku.

Esivumelwano singatsho ukuba umastandi angakunika ixesha elingakanani. Ukuba ayikuniki, kufuneka ibelixesha eliphakati kwentsuku ezi7 okanye ezi14.

KWENZEKA NTONI EMVAKOKO?

Ukuba awubhatali ngolwasuku:	Ukuba ubhatala emva kwexesha:
Umastandi angarhoxisa kwaye uzohlala utyala la mali ye rente	Babe nerhoxisile: Isivumelwano sakho sokunxusa sihlala sirhoxisiwe

Ukuba umastandi uyasirhoxisa isivumelwano sokuqeshisa, ukuhlala kwakho kuba ngakho semthethweni kuba awusenaso isivumelwano sokuhlala endlini yakhe. Umastandi angafuna ubhatalelwa ukumoshakala kwendawo kuwe ngexesha ubuhlala khona ngokuhgakhosemthethweni ukuba unokumangalela. Kodwa ke, usakhuselelekile ekukhutshweni ngokwe P1E Act. Ukuba umastandi ufuna ukukhupa, kufuneka ayofuna umyalelo wokugxothwa enkundleni.

IBALULEKILE: UMASTANDI AKAKWAZI UKWENZA IZINTO NGOKUNGASEKHASEMTHETHWENI UKUNYANZELISA UBA UBHATALE OKANYE UHAMBE.

Umzekelo, umastandi akakwazi uthatha impahla yakho okanye akuvalele ngaphandle kwekhaya lakho.

UKUZE AKUGXOTHE: Umastandi kufuneka afumane umyalelo kwinkundla yamatyala

UKUNYANZELISA UKUBA UBHATALE: Umastandi kufuneka alandele umnthetho xa ezokubambisa

Ukuba umastandi uyakubambisa, unothimba kufuneka akunike isamani. Bazobhala phantsi iimpahla zonke onazo. Lento xa ibizwa "kukuncamathisela" iimpahla zakho kuba utyala umastandi wakho. Xa umastandi ephumelele kwinkundla yamatyala iimpahla zakho zingathengiswa ubhatalela umastandi le mali ithi inkundla yamatyala uyayityala.

UKUBA UMASTANDI UQALA ENYE YEZI ZAKWI NKUNDLA YAMATYALA, KHAWULEZA UFUNE UNCEDO LWAMAGWETHA!